Umteteli wa Bantu

(Johannesburg)

January 31st, 1925.

## Ubusuku—Bunzulu!
## Ekuzeni—Kokusa!!—

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Taru mhleli ngesituba sezi mbongi
Ndiko noko ndingumfana andimbongi
Ndingu mpati tunga pesheya kwe Gqili
Into elwa ngombane induku zihleli.

Ubusuku bunzulu xa kuza kusa
Zingaxokozela nenkuku kuyasa
Ndobekei' entloko mabandi' akowetu
Ndenze njengendoda kwi Nto zakowetu

Ndinganifihleli ndimis' inyaniso
Ze kubeko nje u "Kaka" Lenyaniso
Kangelani ke ukuqalwa kwezinto
Ukuze niqonde ukuba kukwinto

Ubusuku bunzulu xa kuza kusa
Irabaxa nempato ibika intsasa
Ndijike kufupi yipose emhlena
Watsho u Siyazi ubuza banina.

Nandzo ke ne Pasi ziyanibikela
Ezibonwe ngabafazi bepangela
Alikadumi noko liyarangaza
Kuba alikaviwa ngama nyangaza.

Xa ningabantu ngenivisan' indaba
Ezinibonisa ngobume bomhlaba
Kuba sihambanje sisebudengeni
Ndopum' egusheni vuk' ebutongweni.

Nditsho kuwe Nswana yase Afrika
Tole elingadli lipate ngemvuka
Zingaxokozela inkuku kuyasa
Nababapostile baxela "Intsasa."

Asivi ngandaba sibona ngamehlo
Azi batini bona abanamehlo
Namhla intshutshiso iquka nomfazi
Mina ndobatyela kokwam ukwazi,

Angakohliseki noze nge Nqanawe
Kaloku lihleli ele Zulu i Tshawe
Tet' angoyiki Afrika usahleli
Abbubhe siduli obhubha siduli,

Namhla ngeswe lako usezintanjeni
Owanikwa lona kwa sekuveleni
Wavela umlungu kungeko zimanga
Weza nge Bhaibhile ngoko sati manga

Akayishumayela wacambalala
Sabon' ukuti konke sotshabalala
Kanti kulepo basihlamb' imizimba
Ancama maxego abhinqa shamba.

Ndabo n' ukuwa kwembombo ye Nkosi
Ndeva incwina xa zipanda ekosi
Zahlepuka zemka kwanento zo Ngqika
Ngenxa ye bhaibhile zenu magqoboka.

Ngoko ke Afrika lunguza kuyasa
Ubusuku bunzima xa kuza kusa
Ikwezi lona kudala lapumayo
Nixakwe yonanto makube kuyiyo.

Vumisani!!